POSSIBLE ANSWERS FOR:

**ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA**
**UHLELO OLUPHAKAMILEYO**
**(Iphepha Lesibini)**

---

## ICANDELO A

### UMBUZO 1

1.1 Okuze ngesitya kotshabalala Okuze lula okanye ofane wakufumana ungakusebenzelanga kukhawuleza kuphele. (2)

- 'kuze ngamathonti kozinza – yonke into oyifumene ngokuyibilela uyayixabisa yaye awuyibhubhisi iphele msinya. (2)

1.2 Yemfutshane engaqulathe okuhle. (1)
Umtyungatyu / ende ithwele okungatshitshiyo (1)

1.3 Masiyisebenzele yonke into esiyinqwenelayo singalindeli into eza simahla (2)

1.4 Kotshabalala (2)
**[10]**

### UMBUZO 2.1

2.1.1 Yintliziyo (1)
2.1.2 Ngumqhubi / Ngumntu okwaziyo ukwenza izinto zinyakaze (2)
2.1.3 - kwiingcinga (2)
- kwintetha (2)
- ukwenza
2.1.4 Intliziyo
2.1.5 Kuba ingumpompi wegazi emzimbeni
2.1.6 zincomeka, zigxekeka (6)
**[15]**

### OKANYE

### UMBUZO 2.2

2.2.1 Umntu makahlale ethembeni (2)
2.2.2 Lo mqolo usikhumbuza ngokubethelelwa kukaYesu emnqamlezweni laza lathi nokuba kunzima ibhada kodwa laba nethemba lokokuba lisaza kusindiswa (4)
2.2.3 Yinkinge ayilolwimi lwethu lwesiXhosa koko sisiZulu, elona gama lamkelekileyo leli lithi "ingxaki" (2)

2.2.4 Sisikweko (2)
2.2.5 Wenzakala ulahla ithemba nje kuba kaloku ithemba lisisixhobo kwabo banethemba. (2)
2.2.6 ingcwaba – idlaka
idabi – impi
ukuphetshiswa – ukusindiswa (3)
[15]

**OKANYE**

**UMBUZO 2.3**

2.3.1 KuSombawo igwiba lenyaniso (2)
2.3.2 NguYehova, umdali wezulu nomhlaba (3)
2.3.3 (i) Izinto zonke zadalwa nguSombawo nokuba kwakhona izicelo sizibhekisa kuye sizicela ngegama lakhe.
(ii) Usoloko enathi ngawo onke amaxesha, esilondolozile. (4)
2.3.4 - Imo yezulu yaziwa nguye
- Imvula ihliswa nguye
- Kwakuba shushu nguye okwapholisa
- Ulwandle lukwaminywa nguye amanzi
(6)
(nokuba sesiphi isithathu)

**UMBUZO 2.4**

2.4.1 Ingoma (2)
2.4.2 Kaloku umculo yinto oyimamela ngeendlebe koko ke ikukutya kweendlebe (3)
2.4.3 Ingoma ibaluleke kakhulu kuluntu kuba isebenza ngeendlela ezininzi ezohlukeneyo. (3)
2.4.4 - kwakuzalwa umntu
- xa kufiwe
- xakonwatyiwe
- xa kukhalwa
- wakuba ubani edakumbile, ephelelwe lithemba (5)
2.4.5 Ulonwabo / uvuyo (2)
[15]

**ICANDELO B**

**UMBUZO 3.1**

Umfundi angacangcatha kwezi ngongoma.

- UNomafa ukhe wancuma nomfo kaDlangisa uMaqhwa, oligosa lesekethe yecawa yaseDiphende

- Ithe ke intombi le yakuzibika ukonakala, uDlangisa wayixusha ngeenyawo, eyixhimfa kweso sisu ngamanqindi, uyakhanyelwa ulahlwa kwesinomhlwa.

- Phezu kwayo yonke loo ntlungu uNomafa akazange amxelele umenzi engazange avume nokuba asiwe emthethweni.
- Esekulonkunkuma ke ucholwa nguQadi wamvuthulula wamenza umntu. Unyana wakhe uBhongo wamkelwa kwaQadi elolubomvu usana.
- Wakhula ke uBhongo enguQadi wade waba ngugqirha, umfazi wasemaQadini engayibhudi nakancinci into yokokuba uBhongo nguDlomo, ayinguye uQadi.
- Intliziyo kaDlangisa iqala ibabuhlungu akuzibona sele ekhulile engenaye umntwana uyaqala ukhumbula unyana wakhe.
- Naanko sele esitsho ngezenyeliso eziliwaka nokuba kuse caweni esonyelisa uQadi.
- Uthi akuva ethanda abethe umnxeba ewubethela emzini kaZinzo ebiza uNomafa.
- Imvisiswano iya ngokuncipha emzini waseMaQadini kodwa ngalo lonke eloxesha uQadi akayazi into yokokuba inkosikazi yakhe iyawazi unobangela
- UDlangisa akafuni ukubona inkqubela kwicala likaZinzo
- UDlangisa uqesha izikrelemnqa zitshise ivenkile kaMpahla kuba eyiqeshisela uZinzo
- UDlangisa utyhola ooZinzo njengabona batshisi venkile ke mabavalelwe
- UDlangisa wenza iyelenqe lokulahla umfazi wakhe uNomatshawe ukuze agcagce noNomafa, noBhongo lowo athi ligazi lakhe baye eMelika.
- Lo Pozina ke oqeshelwe wonke lo msebenzi nokuthwala uNomafa lipolisa elizenza isikrelemnqa kuba lizingela umenzi wobubi kuNomafa ongudade wabo.
- Ngelixesha lawo wonke lo mbhodamo naanko uDlangisa efumana ixesha lokuxhwila ingqondo nomxhelo kaBhongo ngokumxelela ukuba nguye uyise.
- Gqi! uthikoloshe ezingcongolweni.
- Uyajuba uNomafa, uxakene nento uBhongo, uPozina uvuyiswa kukuphumelela kwamaphupha akhe.
- Akuva yonke le nyaniso uZinzo njengamntu ukrunekileyo emphefumlweni ubuze imibuzo engenazo iimpendulo, ngokwesicatshulwa esi singentla.

**[30]**

## OKANYE

### UMBUZO 3.2

3.2.1 Zinzo Tsontso
MaNtakwenda / Nomafa / Nofinitshi
Pozina (3)

3.2.2 UNomafa uthathwe weqweqwediswa ngabantu abangaziwayo akwaziwa ke nalapho asiwe khona (2)

3.2.3 Bubupolisa nobudoda
- Amapolisa ngabantu abanezibindi
- banolwazi ngophando nokuba nethemba lokude bamfumane lowo unetyala
- Amadoda kwakhona ngabantu abangakhawulezi ukothuka.

Olandulayo

- UPozina nkqu ngokwakhe ukulo eliqela lidala olungxutshu-ngxutshu
- Uyazi mhlophe into yokokuba udade wabo ukhuselekile.
- Uvuyiswa kukuzibona sengathi uyaya empumelelweni yeminqweno yakhe ebesoloko ezimisele ukuyiphumelelisa, ukufumana umenzi wobubi kudade wabo. (5)

3.2.4 UNomafa owayekhe wavana noDlangisa waza emva kokukhulelwa kwakhe walahlwa nguDlangisa uthe watshata noZinzo.

- Uthe akungafumani mntwana uDlangisa kowakhe umtshato wafuna apha uBhongo ongunyana wakhe.

-Kube yinyoka nesele uZinzo noDlangisa waza ke uDlangisa wathengwa nguSathana wagqibela ekolubishi akulo. (5)

3.2.5 Kufika uDlangisa apho kuhlala khona uBhongo sele etwela kakade emxelela ngenja ahlala nayo yena Bhongo noNomafa. Uxela nokokuba umthathile uNomafa kanti sele befikile oZinzo noPozina esathetha njalo bayiva yonke ingxelo.. (5)

II

3.2.6 Kukuba uthe wavana noDlangisa waza wakhulelwa wabe ke uyalahlwa. (3)

3.2.7 Ufumene ithamsanqa lokucholwa nguZinzo Tsontso wamenza inkosikazi yakhe. (3)

3.2.8 UDlangisa emva kokuzifumanela ipikoko lakhe siye asabikho isiqhamo somtshato waza ke wakhumbula owakhe unyana. (3)

3.2.9 UnguSomashishini okwaligosa leSekethe. (1)
[30]

## ICANDELO C

### UMBUZO 4.1

ICALA ELIVUMAYO

UYoliswa Mkhwambi ekuqaleni uziveza kuSimeli njengolulamileyo, ethozamileyo, onentobeko nonentloni.

Xa uSimeli ecela uthando uYoliswa akaphenduli, ekugqibeleni wamkela uthando lukaSimeli kuba esithi la madoda atshatileyo anesandla

- Ude alitsolise elithi, "inye indoda awaye zabele yona yayinguSimeli, etshatile engatshatanga.
- UYoliswa uzenza lowo uhluphekileyo, engazange wakhe wonwatyiswa kwelilizwe wangena ke naye waphelelwa uSimeli kulo mgibe kaYoliswa
- UYoliswa uthenjiswe ukuthwaliswa imithwalo enzima nguSimeli kanti ngokwenjenjalo uSimeli uzinqikela ilitye elinembovane.
- Gqi, intokazi ngoku sele imbonisa ifoto yomntwana wothukela ngaphakathi uSimeli
- Ichwamakazi lazifaka zatshona iinzipho kuSimeli imali yona liyibiza liyibizile, kunjalo nje kuthengwa impahla yexabiso.
- Enye imali belide lingabi sohlulela nokuba yimali ayiphiwayo okanye yeyemboleko, ingabi sahlawulwa lilonke.
- Kungaso ke esi sizathu esidala ukuba izithandani zikhabane
- UYoliswa uyiqonda mhlophe into yokokuba imali waye eyibolekile kodwa ngenxa yeenjongo awayenazo zokondliwa nguSimeli ucinge ukuba uSimeli akasoze abe sayibiza kuye yena sithandwa sakhe.

ICALA ELILANDULAYO

UYoliswa Mkhwambi ekuqaleni uziveza kuSimeli njengolulamileyo, ethozamileyo, onentobeko nonentloni.

- USimeli yindoda enomzi wayo, kodwa ethe yahendeka yathandana neliqhajazana lingasentla elinguYoliswa.
- Njengamabhinqa onke ke, uYoliswa naye uyawubhala umbhalo osisishiqi othe "Menememe tekele ufarsini"
- UYoliswa uthenjiswa ukuphathiswa imithwalo enzima nguSimeli, "Ndingowakho ndonke – nayiphi na into ekuhlungisayo unomntu wokuthuthuzela... wokukuthwalisa.
- Naninina ungathandabuzi ukunxibelelana nam xa ufuna uncedo namacebo uthembise njalo uSimeli.
- Gqi intokazi sele imbonisa ifoto yomntwana wothukela ngaphakathi ngoku uSimeli, uthini ngezithembiso zakhe?
- Ithi yakufuna ukwazi intokazi ukuba ayisayikwaliwa na intokazi alandule uSimeli enabo nje naye abantwana
- Ichwamakazi lazifaka zatshona iinzipho kuSimeli imali yona liyibiza liyibizile, kunjalo nje kuthengwa impahla yexabiso.
- Enye imali belide lingabi sohlulela nokuba yimali ayiphiwayo okanye yeyemboleko, ingabi sahlawulwa lilonke.

- uYoliswa wayekhe asuke eKapa aze kuhlala ehotele kufuphi noSimeli, emlukuhla ukuba alahle umfazi.
- Ngexesha lokungavisisani kukaSimeli noNokwanda, uYoliswa noSimeli baqhube okwendoda nomfazi.
- Bebethi bakuxabana uSimeli noYoliswa asuke uYoliswa amxelele ukuba akakwazi kuyimela into yokwabelana ngaye nenye inkazana.
- Uthe wakuba nengxaki yokuswela imali ngoku uSimeli wakhumbula eyayingange R500 imali eyayibolekwe nguYoliswa
- UYoliswa ubuza la mibuzo ingasentla nje yena kuba engayiqondi into yokokuba angaba netyala njani na yena kuSimeli bakugqiba ukuba bebehlulelana, bencedisana, bephana bebolekana imali, ingabuyiswa yetheni ke ngokule ibizwayo? Kuba yena Yoliswa engaboni tyala analo. **[30]**

**UMBUZO 4.2**

4.2.1

4.2.1.1 NguYoliswa noNomvelelo (2)
4.2.1.2 Bazalwa kwaDikela bobabini, bangamaDikela ke ngoko (2)
4.2.1.3 KuseTshotshandive, egumbini labo lokulala. (4)
4.2.1.4 Bafune ukulala gumbini linye. (2)
4.2.1.5 Kukucacisa ukuba amadoda atshatileyo noko abhetele kunoontanga bakhe kwezothando. (3)
4.2.1.6 Kukuba uYoliswa abe ngathi unomdla okanye unento yokwenza noSimeli kwincoko yakhe noNomvelelo, ukanti yena Yoliswa ubehambe kunye noSimeli ukuya ePitoli. (3)

4.2.2

4.2.2.1 NguYoliswa Mkhwambi kunye noNomasomi (3)
4.2.2.2 USimeli yindoda etshatileyo koko ithe kunjalo yathandana noYoliswa enomntwana onguNomasomi, wasele ebondla bona bobabini. (4)
4.2.2.3 Ngaphandle kokuba lusaziwa njengosapho lukaSimeli, UYoliswa usoloko eyititshalakazi encedisa ekukwerekisheni amaphepha eemviwo zokuphela konyaka zebanga leshumi. (3)
4.2.2.4 USimeli ubonakalisa ukungabi namdla, uthatha ithuba elide ukuphendula,kwaye sele ebabiza ngamagama afana noBhadakazi, abaphangi. (4)
**[30]**

**END**